URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Gavin de Bruyn**
ICandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*
(kuqukwa ne-*EDULIS*)
Gavin.debruyn@westerncape.gov.za | 021 900 5053

Inombolo yefayili: 23/2/13/1/ Teacher Development Courses and Webinars
Isalathiso: 20240320-2703

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0001/2024

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamaCandelwana namaCandelo (kwaNdlunkulu), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

**Isihloko: Iikhosi neewebhina zophuhliso lwezakhono zootitshala eziya kwenziwa e-*Cape Teaching and Leadership Institute* ngo-2024 nakwiKota yeSikolo 1 (2025)**

1. KwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute* 00033/2023, yomhla we-02 Meyi 2023, i-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)*, kwazisa ukuba, iya kuba iqhuba iikhosi neewebhina (*webinars*) zophuhliso lobuchule bootitshala, iinkomfa neesemina ezivunywe yi-*SACE*, ukwenzela iinqununu, amasekela-nqununu, iintloko zamacandelo ezifundo nootitshala kwakhona, nokuba kungethuba leekota zezikolo okanye ngeeholide zezikolo.

2. Ingcaciso emfutshane ekhankanyiweyo yacacisa ukuba kuphela ziikhosi zeKota yeSikolo 1 eziya kufumaneka yaye imbalelwano engaphezulu iya kulandeliswa ukunika inkcazo ngeekhosi ezifumanekayo kwiKota yeSikolo 2 no-3.

3. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo nootitshala ngamathuba okufunda kootitshala abaqeqeshiweyo o.k.t iikhosi neewebhina ze-*CTLI* zeKota yeSikolo 2 no-3 zango-2024 (isiHlomelo A.1) neKota yeSikolo 1 ukwenzela u-2025.

4. Zonke iikhosi neewebhina eziya kuqhutywa yi-*CTLI* kwiKota 2 no-3 (2024) nakwiKota 1 (2025), ziya kwenziwa zifumaneke kwiziko lewebhu le-*CTLI*: www.wcedctli.co.za.

5. Iikhosi ziya kuqhutywa ngeendlela ezininzi ezahlukileyo yaye ziya kuquka iingxoxo eziqhutywa ngekhompyutha, iiseshoni zokubakho buqu (*face-to-face sessions*), okanye ezendlela eqhelekileyo edibanisa elolunye uhlobo (*blended mode*) o.k.t. indibanisela yendlela esebenzisa ikhompyutha nokubakhona ubuqu kwikhosi. Indlela efanele ukusetyenziswa ibonisiwe kwisiHlomelo A.1.

6. I-*CTLI* iya kuba ilinga ukuqhutywa koqeqesho kumaziko ngamaziko phakathi kwezithili zasemaphandleni ezikhethiweyo kunyaka-mali ka-2024/2025. Amathuba okuqhutywa koqeqesho kumaziko ngamaziko akwadweliswe kwisiHlomelo A.1.

7. Ootitshala abanomdla wokuya kula mathuba okufunda okuphuhlisa izakhono mababhalise ngokusebenzisa iziko lobhaliso lewebhu le-*CTLI* (inkqubo yokungena nokubhalisa icaciswe kwisiHlomelo B).

8. Apho iikhosi ziya kwenziwa bekhona ootitshala ubuso ngobuso, o.k.t iintsuku eziyi-10 ezilandelelanayo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-*WCED*) liya kuqesha ootitshala ababambeleyo ngethuba lokuqhubeka kweekhosi ekuya kuyiwa kuzo ngootitshala e-*CTLI* ngethuba leekota zesikolo, ngokuxhomekeke ekubeni:

- akukho titshala ungaphezu kwemfuneko esikolweni;
- utitshala akangotitshala ohlawulwa libhunga lolawulo; kunye/okanye
- utitshala akasebenzi ngoku njengobambele omnye utitshala.

9. Ngumsebenzi oluxanduva lwesikolo ukufumana nokutyumba utitshala obambeleyo ofanelekileyo ukulungiselela utitshala oya kwikhosi ngokomhlathi 7. Kucelwa niqwalasele iSetyhula 0036/2022 yeSebe i-*WCED* yomhla we-22 Septemba 2022, emalunga nokuqeshwa kootitshala abangenawo amabanga emfundo afanelekileyo.

10. Inani lootitshala abaya kwiseshoni yendlela eqhutywa bekhona ubuso ngobuso liya kuqingqwa ngokomthamo wendawo.

11. Kucelwa niqaphele ukuba i-*CTLI* iya kuba yindawo ephambili eziza kubanjelwa kuyo iiseshoni zoqeqesho eziqhutywa ubuso ngobuso.

12. Uqeqesho lwe-*CTLI* oluqhutywa kumaziko ngamaziko njengoko eboniswe ngoonobumba abangqindilili kwisiHlomelo A, 1 luya kuqhutyelwa kuphela ootitshala abakwisithili njengoko kuchaziwe.

13. Ukufumana ingcaciso engaphezulu ngokumalunga namathuba okufunda ootitshala abaqeqeshiweyo e-*CTLI*, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana naba baququzeleli beprogram ye-*CTLI* balandelayo:

| **Igama** | **Inombolo yefoni** | **I-imeyili** |
|---|---|---|
| **Iikhosi neewebhina ii-*Professional Development courses and seminars*** | | |
| Tamaryn Petersen | 021 900 5039 | Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za |
| Cleopatra Pienaar | 021 900 5039 | Cleopatra.Pienaar@westerncape.gov.za |
| **Iikhosi neewebhina zeSigaba esiSiseko** | | |

| | | |
|---|---|---|
| Magdelena Benn | 021 900 5016 | Magdelena.Benn@westerncape.gov.za |
| Lucia Booysen | 021 900 5054 | Lucia.Booysen@westerncape.gov.za |
| **Iikhosi neewebhina zeSigaba esiPhakathi nesiPhakamileyo** | | |
| Natasha Fouché | 021 900 5018 | Natasha.Fouche@westerncape.gov.za |
| **Iikhosi neewebhina zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi** | | |
| Adele Smith | 021 900 5055 | Adele.Smith@westerncape.gov.za |

| | | |
|---|---|---|
| **Iikhosi neewebhina ze-*Further Education and Training Band*** | | |
| Gaironesa Daniels | 021 900 5020 | Gaironesa.Daniels@westerncape.gov.za |
| **Ii-*ICT integration interventions, seminars, and webinars*** | | |
| Christo Davids | 021 900 5021 | Christo.Davids2@westerncape.gov.za |
| **I-*Leadership Academy (School Leadership and Management)*** | | |
| Melvina September | 021 900 5031 | Melvina.September@westerncape.gov.za |

14. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-03-26